**Isiteyitimenti seeBhenefithi zeLungu (iMember Benefit Statement – i-MBS) seli xesha liphela nge-30 June 2023 siyafumaneka. Ukuze ufikelele ngokukhuselekileyo nalula, ungadawunlowuda isiteyitimenti sakho usebenzisa:**

## U-WHATSAPP


Landela la manyathelo alandelayo:

1. Skena i-QR khowudi okanye useyive u-0860 933 333 njengekhontakthi.
2. Tayipa u-"Hi" oya kuSuperFund kuWhatsApp.
3. Khetha okunokukhethwa 4 ("View employment retirement savings").
4. Khetha okunokukhethwa 2 ("Retrieve Documents").
5. Khetha okunokukhethwa 2 ("Request Annual Member Benefit Statement").

*Nceda uqaphele:* I-SuperFund ifuna inombolo yakho yeselfowuni kwisistimu yethu ukwenzela iinkonzo zikaWhatsApp zisebenze. Ungahlaziya iinkcukacha zakho zoqhagamshelwano ngoMqeshi wakho okanye ufowunele iZiko lethu leeNkonzo zaBathengi ku-0860 20 30 40 kwaye iieyijenti zethu zeSuperFund ezinamava ziya kukunceda.

## SECURE SERVICES

Landela la manyathelo angezantsi:




1. Ngena kwiapp yee-Secure Services. (Cofa apha ukuze ufumane isikhokelo sendlela yokubhalisela ii-Secure Services.)
2. Phantsi ko-"Your Websites", khetha u-"My Portfolio".
3. Skrola wehle uye ku-"Your Retirement Savings" uze ucofe ku-"Retirement Savings Detail".
4. Phantsi ko-"Your Investments", khetha i-"Old Mutual SuperFund - Retirement Benefit".
5. Cofa ku-"Documents".
6. Phantsi ko-"Documents", khetha u-"SuperFund Member Benefit Statement" samvanje.

## INGABA USAQHUBA KAKUHLE NGOKUBEKELA UMHLALAPHANTSI IMALI?

Isiteyitimenti sakho seebhenefithi zelungu zonyaka yeyona nto ibalulekileyo kwiphulo lakho eliya kumhlalaphantsi ontofontofo. Fumanisa ukuba usaqhuba kakuhle na ukuze ufezekise iinjongo zakho zomhlalaphantsi, usebenzisa isimo seekhowudi zemibala ethi **RAG (red, amber, green) ngezantsi**. Yindlela yethu yokubonisa isimo sakho ukuze ube nokubona ukuba ingaba usaqhuba kakuhle na nje ngokuthi krwaqu!



### Indlela esebenza ngayo

Isimo Sakho soMhlalaphantsi sichazwa ngereshiyo yethu yomvuzo othatha indawo, esekelwe kumvuzo wakho weli xesha kanye liphambi kokuba uthathe umhlalaphantsi. Eli ligama elisetyenziswa kweli candelo loshishino, lithetha ireshiyo yomvuzo wakho womhlalaphantsi warhoqo ngenyanga kumvuzo wakho wokugqibela.

Umzekelo, ukuba umvuzo wakho ubuyi-R10 000 ngenyanga kwaye unereshiyo yomvuzo othatha indawo engu-65%, ungalindela ukufumana ipenshini eyi-R6 500 ngenyanga. Oku kuya kukubeka kudidi lweAmber.

**Ukuze uthathe umhlalaphantsi ontofontofo ngesimo esiGreen, kufuneka ube unereshiyo yomvuzo othatha indawo engu-75% ubuncinane.**

**U-RED**

**Ireshiyo yomvuzo othatha indawo: 0% - 49%**

***Ayanelanga***

Ukumhlaba osengozini. Kungafane kwenzeke ukuba ungakwazi ukugcina imali eyaneleyo yomhlalaphantsi kule fandi yodwa kwaye kuya kufuneka uyitshintshe kakhulu indlela ophila ngayo xa uthatha umhlalaphantsi.

**U-AMBER**

**Ireshiyo yomvuzo othatha indawo: 50% - 74%**

***Isisiseko***

Lo mhlaba ukuwo ngowokulumkisa kwaye kumele uthathe amanyathelo ukuphucula le ndawo ukuyo. Ukuba awukwenzi oko, kukho ithuba elikhulu lokuba umvuzo wakho womhlalaphantsi waqho ngenyanga ungangakuvumeli ukuba uphile ntofontofo.

**U-GREEN**

**Ireshiyo yomvuzo othatha indawo: 75% ukunyuka**

***Intofontofo nangakumbi***

Ukhangele uqhuba kakuhle! Qhubeka nokubek' esweni imali eselugcinweni kunye notyalomali ukuze uqinisekise ukuba iimfuno zakho zomhlalaphantsi ziya kufezekiswa.

OLDMUTUAL

DO GREAT THINGS EVERY DAY

Old Mutual Life Assurance Company (SA) Limited is a licensed FSP and Life Insurer.